
# INDLELA YOKUFUNDA IMITHA YAMANZI

**Akukho nzima ukufunda imitha yamanzi. Vula ibhokisi yakho yemitha yamanzi - imitha yakho iza kubonakala nje ngenye yeentlobo ezimbini ezisetyenziswayo eKapa. Zombini zibhala iinkcukacha ezifanayo kodwa ngeendlela ezahlukileyo.**




Olunye uhlobo lwemitha lunoluhlu lwamanani ngasentla kunye nezangqa ngezantsi.




Olunye uhlobo lunamanani kuphela kwaye akukho zangqa.

# JONGA INDLELA OSEBENZISA NGAYO AMANZI UKUZE UYILAWULE NGCONO

Jonga amanani akwimitha yakho ukuze ubone ukuba usebenzisa amanzi angakanani okanye ujonge ukuba akukho ndawo evuzayo na. Kwimitha enezangqa, umthamo omncinci ubonakaliswa ngeelitha okanye iimililitha. Kwimitha enamanani kuphela, jonga ngasekunene kuluhlu lwamanani, apho kubonakaliswe iilitha (eyesibini ukusuka ekunene) kunye neemililitha (ngasekunene). Jonga ukuba amanani onyuka kangakanani rhoqo ngeveki okanye ngenyanga. Ukubona ukuba akukho ndawo evuzayo, vala zonke iindawo ezisebenzisa amanzi endlwini wandule ujonge ukuba athini amanani akwimitha yakho. Linda kangangemizuzu eli15, uze emva koko ujonge amanani akwimitha yakho kwakhona. Ukuba amanani onyukile, oko kuthetha ukuba kukho indawo evuzayo.

## XELA ZONKE IIMITHA EZAPHUKILEYO OKANYE EZONAKELEYO

**Nge-intanethi:** www.capetown.gov.za/servicerequests
**I-imeyile:** Wastewise.User@capetown.gov.za
**SMS:** 31373, unike indawo kunye nenombolo yefowuni ngeekharekthazi eziyi 160
**Tsalela ku:** 0860 103 089
**Ndwendwela iziko loncedo:** www.capetown.gov.za/facilities

Ukuba iziko loncedo ngeminxeba lisaxakekile, nceda uzame enye yeendlela zokuxela ezi ngxaki.

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**